# AMAYEZA

ADUME KUNENE,
KA
JESSE SHAW (U-Nogqala),
E-BHOFOLO.

Enziwa ngemiti ekula apa e South Africa kupela.

LAMAYEZA aya yalezwa kakulu ngumniniwo, ngenxa yoku ngqinelana kwawo nezo zifo enzelwa zona; ngenxa yoku kauleza uku nceda noku ngawenzakalisi umzimba; ngenxa yobu pantsi bexabiso lawo; ngenxa yokucoceka ekwe- nziweni kwawo; ngenxa yokungabi nasikwa setyefu; nangenxa yokuba enziwe ngemifune engqinwayo ukuba ingamayeza.

UMPILISI WENENE (The Sure Cure).
Umciza ongazange ungakupilisi ukuluma kwe oka, nezinye inunu.

ELONA (Specific).
Elona yeza lesifo so Xaxazo lwe gazi nezinye izisu ezikatazayo.

UM-AFRIKA (Africanum).
Umciza ongenzi xesha ukulipilisa Izinyo. UMFUNO 'YEZA (Herbal Tincture). Elingoyiswayo zingqangqambo zendlebe, neze bunzi, nokubeta kwentloko yonke.

UMHLAMBI 'LISO (Eye Lotion.)
Oyena mpilisi wamehlo abulalayo.

UMGEDI ORARAYO (Herbal Alkaline Aperient).
Eliqinisekileyo ukunceda ukungayi Ngasese, ukungatandi kudla, Icesine nento ezinjalo.

UHLIKIHLA (Embrocation).
Amafuta omti okupilisa ukuqaqamba komzimba, Ukuti-Nqi kwa malungu ukuxuzaka, njalo, njalo.

UMDAMBISI (Soother).
Amafuta omti okupilisa ukutsha, ukutyabuka, nezinye.

UMNCWANE WESIHLAHLA
(Confection of Rhubarb).
Incindi yoku geda iziswana ezikatazayo zentsana, nezabantwana.

UMATINTELA (Antispasmodic).
Umciza wokupilisa ukuqunjelwa nezitepu neziny nkatazo.

UMOMELEZI WASE INDIYA
(Indian Tonic).
lyeza elilunge kunene kwizifo zokuba butataka, nokungatandi nto ityiwayo.

UBUGQI (Magic Healer).
Amafuta akupilisa msinyane ukusikwa nezilonnda njalo njalo.

IGUDISA (Emolientine).
Into elunge kunene etanjiswayo ebenza bubebu- hle bugude ubuso.

ULI GUTYANA (The Powder).
Lisetyenzisiwa neli kutiwa " Lelona " xa isifo sokuhamba igazi sendele.

Izalatiso zendlela yoku wasebenzisa zishicilelwe ngokuzalisekileyo zatiwa nca kwi bhotilana nezi- tofilana ngazinye, eziti zakulundelwa ngokufeze- kileyo angaze angapilisi lamayeza. Ngekungabiko kaya, nandlu, namhambi ungenawo lamayeza esi- rweqe sokulumkela okungekehli.

Akandwa enziwa ngu JESSE SHAW, Igqira elisebenza ngemiciza, e Bhofolo, atengiswa nguye nge bhokisi nange Bhotile nangamagosa ake kwi- nkoliso yedolopu zale Koloni yonke, e Natal, e Free State, e Transvaal, nase Indiya.

AMAGOSA ALAMAYEZA—
A *Qonce*— Dyer & Dyer, Malcomess & Co., D Drummond & Co.
A *Ngqamakwe*—Mrs. Savage.
A *Monti*—B. G. Lennon & Co.
*E Rini*—E. Wells.
*E D;keni—R.* Stocks.
*E Komani*—Mager & Marsh.
*E Bhayi—R.* G. Lennon &Co.
*Engqusha—W.* A. Young, Esq.
kaya lawo e Fort Beaufort kwa Nogqala.

## Isaziso ku Mamfengu.

LO ugama lisekele esi saziso, uvakalisa ukuba ngelixa loku ceba lizayo, ulungiselele ukuba anike elona nani longamele amanye ngo Boya.

Impahla kanjako iyakute ngwa ngemalana encinane xa sukuba umntu eze eyipeti imali kuzo zonke ivenkile zake kwela Mamfengu.

Kwakona utengisa: Ingxowa ezi 2,000 Zombona nge 4/, kuse kwi 5/ imali ngengxowa.

THOS. MORIARTY.
5 August, 1886.

## BONISANI.

IHASHE elalahleka ngo July, 1887, Erini: Yiponi engwevu yinkabi, imilenze ukusuka emadolweni ukusa ezinyaweni, imnyama yomine. Pezulu kwendlebe yase kunene kususwe indawana. Kangela enqineni lase kohlo pezu kopupu ibala elimhlope. Umntu ondilandisileyo ndomvuza ngokufanelekileyo.

JAMES MELWA.
Alicedale, 30th October, 1887.

## BONISANI.

KULAHLEKE ngosuku Iwa 28th October, lo Ezimbaba inkabi egwangqa yehashe irazulwe ngasemva kwindlebe yokunene. Libe linesilondana emhlana. Selikwiminyaka esibhozo ubudala. Ondilandisuyo wotumela ku

MAKEBENZI,
c/o Rev. Sikwebu.
Nomaheya, Nqamakwe, 4th Nov., 1887.

## Ndipeni Amehlo Mzi!

NGAMAHASHE.—(1) Inkabi ende ebomvu, inqina lekohlo lasemva limhlope, kwelonqina kuko ibalana elinanyama. (2) Yimazi ebomvu, enekolwana, epaulwe kwindlebe yokunene macala omabini endlebe, inenkonyana efana nonina eli- dunana. (3) Yimazi efosi, emanqina amhlope asemva.—Intliziyo yam ityekele ngase Batenjini nangasema Mpondweni nase Mbo. Nindincede ke mawetu. Yinyanga ngoku elahlekile. Ondilandisayo ndomvuza kanobom.

R. J. NDUNGANE.
Ncisininde, via Ngqamakwe, 5th Nov., 1887.

## Umanyano Iwase Transkei.

INTLANGANISO yomanyano Lwabantsu- ndu iyakubase CEGCUANA kwesika MKIVA kwi kaya lika Mr. C. KUPE, ngosuku Iwe 19th Nov., 1887, Ngomgqibelo iqala 9 kusasa ipume ngo 4 malanga, amalungu nomzi wase Mamfengwini uyacelwa, kocazwa kwakona nge vote njalo, njalo.

Ngu A. GONTSHI.
Ngemvume yentlanganiso,

JOS. JNO. SIKWEBU, Sec.

## Kuba Hambi Nabanye.

WENA nehashe lako ungafumana ukutya nge 6d. Ungafeketi ngemali yako!

Ozikofu no ziswekile, nempahla ezitofo tofo ngamanani alula. Awena manani apezulu ngemfele nenqolowa njalo njalo.

Kwa G. FRAUENSTEIN,
kwa Qoboqobo.
Keiskama Hoek, August 31st, 1887.

## OFUNA UYISE.

NDICELA amehlo ngo Bawo, igama lake ngu DEZI TSHEULA, wase Cawa. Wemka ekupeleni kuka May esiya e Rafu. Akavakali apo akona. Lomntu selemkulu.

JACK TSHEULA.
Port Alfred, Nov. 4, 1887.

## Impendulo Kubazisi.

UMKONDO we Hashe like Mr. DAVID MOSES ebelaziswe kwi *Mvo* unakanwe ngu Mr. JOSEPH MZENDANA, wase Dutywa, Engcobo.

KWA G. WHITAKER, kwivenkile etengela nentwana ezincinane kuko, kutengelwa tshipu Kanye Umbona, nento ezinjalo,

Umgubo, neswekile,'njalo-njalo, njalo-ujalo.

## Ababhubhileyo.

MATEZA.—U STEPHEN B. MATEZA ubhu- bhile ngomhla 20th September, sincoma umsebenzi omhle owenziwe ngabantu apo ebefundisa kona base Jelimane (Moravian) emantla kwe Krinira, aba mncwaba ngendle- ko zabo kwabonakala ukuba babuhlungu nge Teacher yabo.

MA ZULA.—Ngo 10 Oct., 1887, e Cala kubhubhe u Mr. Joseph Mazula. Wayeke wase Lovedale ngapambili. Izi- hlobo mazamkele lombiko.

PHILIP NDARA.
East London, 6 Nov., 1887.

NGOLWESI-TATU NOV 16, 1887.

## Kubangenisi-Magama.

EZI ziveki zokuba amadoda aqo- ndisise ukuba abhaliwe na ngabatabati magama amagama awo kwincwadi yabanemfanelo ukupendula kwinto zombuso. Indawo enkulu yeyokuba indoda iqonde ukuba igama layo lingenile.

Singa singacacisela abanga bangangenisa amagama abo kumqulu wabanemfanelo.

Zintatu izinto angalibanga ngazo umntu oyindoda (lowo ke selefikelele kwiminyaka e 21); zezi.

(1.) Ngumvuzo, ongengapantsi kwe *(a) £50* ngonyaka (iponti nge- veki), *(b)* mhlaimbi ngumvuzo ongengapantsi kwe £25 umntu efu- mana nokudla.

Ngumkondo wabemivuzo ke lowo.

(2.) Omnye umkondo ngowabantu abalibanga elilungelo lobudoda pantsi kwalombuso ngendlu ahleli kuyo umntu exabiso lingengapantsi kwe £25 (ingxande).

(3.) Owesitatu umkondo ngowempi eyake amanqugwala. Yona ke ibanga ngexabiso lenqugwala elo libandakanywe nomhlaba awulimayo umntu, obubanzi bungengapantsi kwi akile ezintandatu zonocanda ekunokutiwa zifikile exabisweni le £23 ne £24 eziti zakudityaniswa nendlu engaba yona izi I £2, zilenze inani le £25.

Umteto awutsho ukuti londawo ukuyo mayibe yeyako ngesiqu ukuze ubange ngayo. Awutsho nokuti maubonise itaitile. Kwanele ukuyo nje, uhambisa imiteto yekomkula lase Kapa epatiswe imantyi, unebango.

Yomitatu lemikondo mayiti ili- banga ilungelo ibe ibise inomnyaka iyilonto kufuneka ngomteto iyiyo.

Ubani omangelweyo yi Felkornet eyenye into kwezi zintatu, makazise kwangoku kumbhali wamahlelo (Secretary Native Vigilence Asso- ciation, c/o " Imvo " Office, King Wm's Town) aze anikwe icebo. Nekomiti zendawo ngendawo mazenjenjalo Makuviwane ngemikala nto zakowetu!

## Iveki.

KWELAMA Mpondo inkosi yom-Gcaleka eyanukelwa ukuba ibulele u Mqikela ibulewe, igama layo alixelwa, oko sikufumana ezinda- beni zocingo oluvela e Mtata ngo 7 November.

KUVAKALA ukuba u Mqikela, yena ubukosi waye bunike u Mdibaniso, ofan' ukuba ngo- yena uyinkosi ngokwesiko lakowetu.

UMFO ekutiwa ngu Thomas Britt udliwe yimantyi yase Monti i £1 ngokuzipata kwa- ke okungafanelekileyo ngakweliqela bati lele Salvation Army.

KUMSITO ka Perks e Dohne ngo 21 Dec., inkabi zenkomo nezegusha zokuxhela ziya- kufunwa kakulu.

UMLAMBO we Nciba wawuhamba pezulu ngalemvula ibisand' ukuna.

AMAZULU amane awangenela indlu ka Mr. Higg's abanjwa ngamapolisa alomzi, etetile pambi komantyi u Tshemese; kutiwe ayaku- linda ijaji.

ISICAKA osidala sakwa Aluveni sihlatywe yinkunzi yenkomo evela pesheya kolwandle, safa. Idutyulwe.

KUVAKALA ukuba u Mr. W. J. Clarke, u (Gwebityala) uzikupile kulomnyadala wokuya kumela elapesheya kwe Nciba e Palamente. Isizatu kukungapili.

PAKATI ! Pakati! Amagama !

KUTI pinzipinzi ngati nge Cawa le ipambi kwegqitileyo kuko umbhexeshi otiwe gqere uduma pezu kweshiyi kwaposwa enzaleni ngomnye. Abehle lowo wabhubha emva koko. Siyatemba ukuba ukuba lonto iyinya- niso yobehle ibhengezeke. Ati nalowo umbu- leleyo ake erne pambi kwamatyala. Balwe ngocuku. Lonto kutiwa ihle apa e Qonce.

Izono ZOLUTSHA: u Mr. J. Tillbrook wase Monti, kwahlokonyiswa ukuba uyakuteta nge- zono zolutsha entlanganisweni. Ngangena- ni elaliye kumpulapula makabe ungumfo owaziwayo. Ngolwesi-Tatu olugqitileyo ngo 8 p.m. ixa ekwakutiwe yongena ngalo intlanganiso, yayi seyiyingcwalisa ababeye kutnpulapula. Wesuka wema wati lendawo aza kuteta ngayo uyilungiselele abatsha bodwa—abangamasoka namasokakazi. Aka- ngeyingene pambi kwabazali; ke mabapume abazekileyo. Kwako abapumayo, wasuka umzi wetshantshalalo. Wasele qubula um- nqwazi wake epuma u Tillbrook. Basuka abantu bati ngna imilomo.

U MR. J. TENGO-JABAVU (Umhleli we *Mvo)* unduluke ngolwesi-Ne ngokuhlwa ukuya e Herschel, e Gqili. Apo aye kudibana nama- tshawe elo ukuze awape indaba zalantla- nganiso yamahlelo ngamahlelo awaye ngum- tunywa wawo kuyo; axoxe nezinye indawo.

KWIPEPA eliyi *Standard* lase Johannesburg sifumana okokuba libalisa ngomfo ote akukataza kwindlu eyayinomvumo, wacelwa ukuba aye kupuma, kwaza kwongezwa neliti imali yake abengene ngayo woyifumana emnyango. Suka lomfo engenzanga nokuba libe linye wabamb' indlela. Kufunyenwe sekumzuzu ukuba lomntu ngumhleli wepepa obeze kutabata indaba, waza ke wangena nje, engarolanga nto yena. Mayibe yilonto ye- mali lento angamangalanga ukupuma. Bam- qonde selepandle.

PAKATI ! Amagama ! Pakati!

KULAMADODA mabini e Natal ayegwetye- Iwe ukuxhonywa ngokubulala u Corporal Lamont: U McCrea uyakuxhonywa nge 15 Nov., u MacKeown endaweni yesigwebo sokufa unikwe esobom bake bonke entolo- ngweni.

KUVAKALA ukuba u Sir Charles Mills uke waya e York wateta nabenzi ngubo base Huddersfield ngendawo yokumiswa kwenda- wo yokwenza ingubo ngoboya apa e Koloni. Bayitabate kamnandi londawo wayeyiteta. Lonto inxhanyelwe kakulu ngama Ngesi eli letu, kuba ati ibingenza ukuba imali yengubo ihle.

U SIR H. HOLLAND usapumile e London waya e Bath apo ebeyolelwe ligqira lake ukuba make aye ngakona ngenxa yempilo yake.

PAKATI ! Amagama ! Pakati!

ESASIPANGO sinamatye ekuqaleni kuka November lo, kuvakala ukuba e Gqunube sonakalise amasimi yafa nempahla ehamba- yo.

———

E BARBERTON kwindawo apa ekutiwa yi Rimer Creek ngo November 6 kufunyenwe isidumbu sika Mr. Montgomery. Kubona- kala ukuba ubenqanyulwa umqala ngento ebutuntu. Wafa ke. Ababanjiweyo ngama Xhosa amabini, abanjwe ngokuranelwa

E BEACONSFIELD umfo ongu Louis Bertoli umangalelwe kumatyala akona ngokudlwe- ngula intwazana ebudala buyiminyaka emi- hlanu. Umhlaba udlokovile, yatsho indoda eyayinamakad' ibona.

E SOUTH WALES kekwavakala intshukumo yomhlaba ngomhla weshumi linambini ku October ogqitileyo.

ELASE Monti ekutiwa yi *Advertiser,* liti umlimi wecuba lo uvela pesheya kolwandle, u Mr. Shenck, uti yena, umgquba olungileyo ecubeni ngowenkotno. Utsho ati icuba into eliyifunayo kuhlala ngapantsi kwalo kumva- kumvaku ukuze umoya ube nokufikelela ezi- ngcanjini.

UMBHALELI we *Mercury* ose cwebeni lo Mzimvubu uti, u Mr. Stoffels umlungu we venkile wase Mampondweni owatengisela u Mqikela utywala uzimelele ecwebeni lo Mzi- mvubu kuba ama Mpondo afuna ukumbula- la ngenxa yokunukelwa u Mqikela.

U MR. DEVENISH ubhalile eshumayela kwomkulu okokuba igolide yalanywe e Luisdraai, kwisiqingata sase Prieska.

KWIFAMA ka Mr. Sansom omele ityityaba kufupi ne Qumra kuko ingwe induna eqe- ngqwe ngumgibe wompu. Ngeveki enga- pambili yayike yatya igusha ezisibhozo, eza- funyanwa imfele namatambo kwindawo ekubonakeleyo ukuba kulapo umfo omkulu atyela kona.

INDODA ekutiwa ngu Tinder e Humansdorp ibisematyaleni kusitiwa iyimbangi yokufa komnye umfo eyayisebenza naye abati ngu John O'Brien. Bavelana ngandawana, bada balwa, ekate u O'Brien lowo wakahle- Iwa pantsi, wati ekuweni wabeteka ngesisu esipunzini somti. Wafa ke yilongozi.

IGQWIRA apa ekutiwa ngu Jacob Ran ebe- lisand' ukugwetywa ngezinyanga zimbalwa zigqitileyo. Lagwetyelwa iminyaka emibini entolongweni ngobusela bezinto ngezinto. Lihle nomcinga, libekwisitishi, sase Qohi, samabhantinti.

NGO September ixabiso legolide eyapuma- yo kule Koloni ne Natal yawezwa yayinga- ma £208,680; ngo October yayingama £465,240. Ukuba kuquba njalo ixabiso le golide ewezwayo lobehle lifikelele kwele dayimani.

ELASE Colesberg ipepa i *Advertiser* liti, site isicaka somlungu otile ngokuziva uku- ngapili sacela iyeza kumlnngu waso, osinike intwana yamafutana la bati yi *Castor Oil.* Ute umduna akanela, wasuka wacela iyeza ku Mxhosa, omnike iyeza elite akulisela walihlanza, wada walizama katatu. Lite lehla ngokwesitatu, suka saqala isisu satsho kwemanga, waqauka ngomzuzwana omncinane emva koko. Ute u Dr. Riordan udliswe ityefu, emayibe ibikwelo yeza waye linikwe ligqira elo.

ELABA Hlambeli liyashukuma ngenxa yokuba kufunyenwe igolide kona. Ngo Nomber 5 ngama 48 amagama abhaliweyo abantu abasazakuke baye kuva ngezingxa zabo.

ELASE Mtata ipepa liti kugqitywe kwelo. kuba u Masipula no Sigcawu kebabe bewu- kangela umzi kude kuqondwe sisizwe into engenziwayo.

ELASE Natal ipepa liti kuko Amangesana amatatu afikileyo; ekubonakaleni ngati ana- malungelo kakuhle. Ati afuna ukufuya amahashe okukwelwa yimikosi e Indiya.

E RONDEBOSCH ngase Kapa kuko intwazana egilwe yawa ngamahashe ebaleka ne- nqwelana ezi zawo, yafa.

NGOMHLA woku 1 November kekwako uqwitelakazi e Ngilane nase Ireland ; olwatsho izikepe eziqekekileyo elunxwemeni yabutywibi.

UMTETELI Mafandesi u Mr. Ellis ngalo- Mgqibelo utengise ihashe nge £5 ; inkabi ze- nkomo zantlanu nge £3 10 to £3; imazi ze- nkomo namankonyana nge £4 to £1 5.

AMAHASHE ambalwa, atengiswe ngu mteteli- fandesi u Heywood ngo-Mgqibelo, elonanani lipezulu alifumeneyo ibezi £8 laza elona nani lisezantsi yazi £3 5.

## EZE ZITILI NGEZITILI.

HERSCHEL, (EGQILI).—Umbhaleli wepepa lase Aluvani, esiwuqondayo umpunga wake ukuba ngowotshaba Iwama lungelo amawetu. Uti ebalisa ngezelo:— " Ungeniso Iwamagama e "Blankete" luqaliwe ngu Mr. James Surmon once- diswa ngu Mr. Fynn u Nobhala. Aba- ntsundu babhinqele pezulu kunene ngalomcimbi. Umhleli we *Mvo* uza kubehle afike ukuza kuqondisa amawabo ngento amakazenze. Intlanganiso enkulu yabantsundu yokulungiselela ibiko e Bensonvale ngo 28 October, ipantsi kwepiko lomfundisi u Rev. Mr. Waterhouse. Ndiyabuza, nditi, baya kupeza ninina abafundisi ukuzibandakanya nento zombuso ? Siyatemba, sikangelele amalungelo omsebenzi wabo, ukuba abasokuwuchukumisa lomsebenzi woku- ngeniswa kwa magama.

BEACONSFIELD.—Nge Sabata engapaya u Rev. R. Lamplough no Rev. J. Smith Spencer bebese Dayimani, beye kubeka izandla kubafundisi abatandatu aba- ntsundu base Wesile abebengeniswa, ebufundisini obuzeleyo. Abafundisi abancedisayo kulomsebenzi ibingo Rev. R. Hayes, no Rev. W. Wymer. Inteto itolikelwa a Besutu.

DEBE NEK, (ELUKALWENI).— ezimbini, nantatu ezidluleyo ? ntlanganiso yamagama evoti ? yetu u Mr. R. Crowe. Sib? ngumfo ka Crowe, kuba wash ? elingelanto. Usibulala ku' ingena mihlaba iyeyetu ngetaitile. Uvuma ukungenisa ngo mvuzo ongama £50 ngonyaka, nokuba luxande kunye nomhlaba ocandiweyo, esiti akakatali nokuba unalo uxande engena mhlaba wako onetaitile, kananjalo nokuba unomhlaba ongakananina nxa ungoka Rulumente. Kupela ufuna onoxande Kunye nowake umhlaba wesiqu, uti ukuba asiwake, ube ngocandiweyo, ngawuqashileyo, mhlaimbi abe ngonom- vuzo we £50 ngonyaka. Waye engafuni bani ngapandle kwabanjalo. Ungapandle ke umzi, ufumane wasonga izandla.

E-KOMANI. — Libalele kakulu apa. Ngeveki ezimbini nantatu ezadlulayo kwa kubanda nje ngase busika, ngumoya ovela ngase mpumalanga; le ivulele ngobu- shushu obusitukutezi. Amagama aya- fakwa zintuli encwadini yamagama aba voti—ngakumbi Amabhulu. Imidaka isebu nxwem nxwem, kodwa iyangena eziqondayo ukuba inelungelo. Imiti seyifikile apa yokuxhoma landoda yabu- lala umlungu ngase Cathcart. Kumke u Mr. Charles Ngece ngeveki egqitileyo waya e Kimberley ngomteto wenkosi zake, uyakuba yi *messenger* kona. Aba- dlali be *cricket* balahlekelwe kukumka kwake, uyinzuzo kwabase Dayimani. Kuko nolure lokungati nenye i *messenger* yalapa u Mr. Bell Kota, iza kubhekiswa kwakona, mhlaumbi kwenye indawo kwakamsinya. Asazi ke nokuba asikwa liqinga lokuncipisa amadoda anelungelo lokuvota kule District. Nakuba kungati kute cwaka nje kuyasetyenzwa yimidaka malunga no Tung' umlomo.

## Impawana.

Ukuze sibone ukuba umkosi wetu oti, Amagama! Amagama! Amagama! uyaviwa ngumzi kude kwashukuma no Mgwali wakwa Ngqika. Sinovuyo ukuba nokubhala into ezintle ngalomzi wakwa Ngqika.

***

Umbhaleli usixelela ukuba ukozwana aba- sebeluhlanganisile kwintlanganiso abebenayo yi £1 13 4. Utsho ati amagama ayabhalwa kwamfundisi ngoncedo lonobhala abapakati komzi. Ukuze atunyelwe kwi Feltkornet.

***

Into onga ungayiqondisisa umzi kukuba lomagama makabehle aye kufikelela kwi Feltkornet kwakamsinyane. Kuba kaloku i Feltkornet zingasayikuba sabhala magama lufikile usuku Iwe 15 December.

***

Sifun' ukukolwa sakubona amakowetu ehlangana ngapa nangapa, esenza intlanganiso zentobelo; esekeleze ukulungelwa kwawo pantsi kwale ndwe ye Nkosazana. Nantso into efunekayo.

***

Amagama ! Amagama! Amagama!

***

Siqokela kwela yizolo, ningawexuwexulwa zi Feltkornet. Kupela ukuba unoxande olufikelela kuma £25 ixabiso lalo. Faka igama lakho

***

Ukuba unomvuzo owamkelayo ofikelela epontini ngeveki; nokuba lishumi lesheleni nokutya ngeveki : ngenisa igama lako.

***

Ukuba unenqugwala nentsimi engangala- masimi ane akile ezintandatu zetyatanga lono Canda. Nokuba lomhlaba uwulima ngesahluko, nokuba kungengqesho, nokuba akunatayitile. Faka igama lako.

***

Bonke ke abantu abanazo ezonto zintatu zikankanyiweyo. Baza bati benazo i Felt, kornet azavuma ukuwabhala amagama abo. Maze amagama lawo atunyelwe ku Nobhala wentlanganiso yamahlelo ngamahlelo : General-Secretary " Imvo" Office K. W. T.

***

Pakati! Amagama ! Pakati!

***.

Elibali lenziwa ngumninilo—into apa ena- maqalo yelawo. Uti ke umfomkulu:—Kwake ngamhlana utile engumhambi wahlwelwa, waselepambukela kumzi we Bhulu wacela indawo yokulala. Wayinikwa lula. Kute kwakusa pambi kwokuba abope wati make ayekubulela ngakwamlungu, wafika wabulisa wabulela. Ute akugqiba, umninimzi ndincede Oom ingqolowa yam iyakonakalela esandeni kawundibhulise nokuba yilemini yodwa. Unge angamangala omnye, lazitoba Bhulu ngentandazo. Ute ngokukumbula ububele balo kuba limpe indawo yokulala, wati wongati uswele imbulelo. Aze mhlaumbi selendulululwa ngolunya wavuma. Kubuzwe ke igama ute ukuzibiza ungu " Bootie Baas." Lavakala lisabela i Bhulu, wati

Bootie Baas." " Akuna gama limbina ? " labuza i Bhulu. " Hayi Nkosi." " Igama lako alinantloko alinancam, hamba uhambe," latsho i Bhulu lamncama licinga ukuke liti ububiza i *Schepsel* " Bootie !" zeliti okunye " Baas!"

***

Emhlabeni we Bhulu wakulumkela ukuti xa uteta kulo uti *wena,* yiti wena onke ama- xesha nkosi (baas). Wafa yintonga.

Amagama ! Amagama ! Amagama !

## *INXUKWEBE NE JUBHILI.*

Amakowetu ase Nxukwebe ekutumele- ni kwawo umbuliso ku Mntan' Omhle, i Kumkanikazi nge Jubhili yake aneka nentlungu ezikoyo pantsi kwalo Rulume- nte wase Kapa, bafumene lempendulo:— Government House, Cape Town,

. 15 October 1887.

P. S.
No. 115.

BANUMZETU,—Ngencwadi yenu enayi- bhala ngo June, nitumela umbuliso kwi Nkosazana, Umhlekazi i Ruluneli undi- yalele ukuba ndinishumayeze ukuba u Mntan' Omhle uyalele i Pakati le Nkosa- zana ukuba litumele imibulelo yake nge- ntobelo nokuzinikela kwenu okubonakala kulo mbuliso wenu. U Sir Henry Holland kanjalo uti ngelixesha u Mntan' Omhle akangenike zwi ngalondawo nite- ta ngayo nina ngombuso kunye nabo babhale amagama abo kulombuliso.

Ndim, &c..
F. J. NEWTON,
Private Secretary.

August Radas, C. Mbete, Heald King W'Town.

## *ABALIMI NA BARWEBI.*

E Qonce.—Izolo uboya obuhlanjwe emlajeni bufumene i 6 1/4d ; Obungahlanjwanga 4d ; Obeseyibhokwe 5 3/4d.

E MARKENI.

E QONCE (Nov. 15).
Irasi eluhlaza, 6d ngedazini
Itapile, 1/9 to 2/10 ngengxowa
Umbona, 2/1 to 2/3 ngekulu
Inkuni, 7/ to 22/6 ngeflara
Isimile 2/1 ngengxowa.

E KOMANI (Nov. 12)
Inkuni, 15/ to 24/ ngefiara
Ihabile, 1/9 to 3/3 ngekulu
Isimili, 1/6 to 2/10 ngengxowa
Irasi, 5/ ngengxowa
Itapile, 5/ to 6/3 ngengxowa

E RINI (Nov. 12).
Inkuni, 9/ to 28/ ngefiara
Ihabile, 1/10 to 3/8 ngekulu
Irasi eluhlaza, l1d ot 1/lngedazini
Umgubo, 11/3 ngengxowa
Umbona, 6/ ngengxowa
Ihabile, /5 to 6/ ngengxowa
Irasi, 3/6 ngengxowa
Ingqolowa ne Simile zigodukile.

E DAYIMANI, (Nov. 11 1887.)
Itapile, 5/ to 15/ ngengxowa
Umbona, 12/ to 16/ ngengxowa
Umgubo, 12/ to 16/ ngengxowa
Ihabile, 12/ to 12/6 ngengxowa
Isimile, 5/ to 6/ ngengxowa
Imbotyi, 10/ to 12/ ngengxowa

## *UKUBONA KWABA CHAZI MTETO.*

Lomteto mtsha upitizelise umzi awuqetulwanga Engilane ngesi zatu esimhlo- pe sokuba bete Abaqondisi-Mteto be nkosazana awuchasene nencazo ka Mr. Porter, owaye ngumqondisi mteto uku- miswa kwe Palamente yase Koloni. Nommiso-mbuso wabhalwa kwa nguye. Lencazo ka Mr. Porter icatshulwa kwi pepa lakomkulu. Sitabata indawo ezi- noncedo kumawetu ngolungeniso Iwama gama lukoyo Uwenjenje ukuwachaza amalungelo u Mr. Porter :—

UNGENISO LWAMAGAMA

ABANEMFANELO

EMBUSWENI.

Attorney General's Office,
Cape Town, 30th June, 1853.

I. Isiqendu se 8 somteto omisa i Palamente siti,—Yonke into eyindoda, engacatshazelweyo ngamabala aya kubuya abalulwe, enexesha lomnyaka ikwisitili esinyula abamell e Palamente, ehlala kwindlu exabiso li .£25 ; okanye xa indlu ingafikelelanga kulomali, umhlaba awulimayo umntu ixabiso lawo malibanda- kanywe nelendlu ukwenza elonani— londoda igama layo limelwe ukungeniswa emqulwini wabanemfanelo ukupendula into zombuso.

*Incazo Nemilinganiselo.*

1. Ilungelo lendoda embusweni limi kwindawo yokuba ibe iko kulondawo ikuyo. Akufuneki nokuba ude ube ngowayona lowomhlaba, akufuneki no- kuba ide ibe iwuqeshilena.
2. Indoda inemfanelo embusweni, nokuba ingaba mhlaimbi ihlala kwindlu eyeyayo, imi nomhlaba ongowayo; oka- nye ihlala kwindlu engeyayo, nomhlaba engenakuti ungowayo, ongowomnye umntu. Indoda inemfanelo nokuba ihlala kwindlu eyakiwe kumhlaba ongacandiweyo, ilima umhlaba ongaca- ndiweyo.
3. Umninifama ufuna isicaka esiya kusoloko sikuye. Ufike abize u Sibani- zashe, ati yaka apa, lima apa. Ngenxa yalomalungelo u Sibanizashe umelwe kukumana ukuncedisa inkosi leyo yake emsebenzini ngamaxesha atile. Ngelo nqungwala nalowo mhlaba u Sibanizashe unemfanelo ukupendula kwinto zombuso xa elonqungwala kunye nomhlaba lifikile kuma £25. Kanti ke nokuba ubengasase- benzi kulo nkosi yake, Iona ilizwi kwinto zombuso usenalo.
4. Kanti ke ukuba ubani umi kumhlaba womnye ngapandle kwemvume aka- fanelwe ukungeniswa. Ukuze angeni- swe makabe uvunyelwe. Kukwanjalo ngomntu omi kumhlaba ongacandiweyo, xa angenayo imvumelo ka Rulumeni.
5. Imvume ka Rulumeni kumhlaba ongacandiweyo akulindelekile nokuba ide ibe yebhaliweyo. Inokunqhinwa ngencwadi zomantyi, nangezinye indlela zamabali ezibonda, ukuba lowo ungeni- swayo uyaziwa ngu Rulumeni ukuba ulapo.
6. Abantu abakwimihlaba enje ngeyase zikolweni — nokuba imiwe ngocando, nokuba ayicandiwe, ngokoke ehleli iyeka Rulumeni ngomteto—banemfane1o, ukuba indoda inendlu nokuba iyodwa, nokuba inomhlaba ewulimayo, ngapezu kwaleyo ndlu, oxabiso liyi £25.
7. I Ebenezer, e Clanwilliam ngum- hlaba ongacandiweyo. U Sibanizashe uhlala kuwo ; wakhe inqugwala kwelo bala libizwa ngaye, ukwanayo nentsimi ayilimayo. U Sibanizashe lowo une- mfanelo yokungeniswa xa londlu yake kunye nomhlaba wake zifikelele kuma £25 ngexabiso.
8. Ixabiso eli, likankanywa kummiso- mbuso, linani anokuti ubani oziqondayo Izinto zamaxabiso, lifanelekile ukuba londlu nalomhlaba bezitengwa.

VI. Ukuba amadoda amabini ahlala kwindlu enye, exabiso li ngama £50 lomadoda omabini makangeniswe kuba inye imelwe ngama £25 kulo £50.

VII. Indawo zokucatshazelwa eseke zakankanywa zezi, indoda ngumntu ofikileyo kwiminyaka e 21; ongazanga wagwetyelwa ebunzimeni ngetyala loku- vukela umbuso, ngokubulala, ngobu- dlwengu, ngobusela, ngobubhedengu, ade abe waxolelwa zipatamandla.

(Sgd.) W. PORTER.

## *KWINDLELA EYA E GQILI.*

[NGU MHLELI.]

Aliwal North, 12 Nov., 1887.

Kute kuba sinduluke ngemvula ekaya, ngobusuku bolwesi-Ne (10 Nov.) sasesiputuma kogxwalintloko esitalini, selibupela ixesha izakuhambane injini. Sipalise- ukunyuka isitalato kwajuba umpako— ikeki yonke ebitengwe ngesheleni, yawa kobobutyubutyubu kumnyama, siyatemba ukuba kungoku isesiswini umhlaimbi eziswini, somnye mhlaimbi kwakuni apo ma-Qonce.

Indlela yokuza ku Komani asiyivanga kuba singe singalesa amapepa ngolonchu- meyu lokukanya, kwala ukuba sidlule isitishi sase Mtonjeni, salala. Yaye yo- mbele ngakunye imvula. Bati abake bapapama bayigqibele kwa Daliwe. Tina sipapame seledlule e Waqu umtakati. Sibuye salala akudlula e Tylden ; savuka xa selekwelo tafazana liya e Komani.

Sibe netutyana eli ngapezu kwe yure e Queenstown. Sabona into zo Nukuna, nezo Mkefa, nezo Balfour, (u W. yena kwano Mr. Gazo ngase ofisinl. Into ezisenzele ububele. Sivile ukuba umzi kwelo usahleli enqineni ngendawo yokuqini- sa amalungelo etu bantsundu embusweni. Intlanganiso yesitili sonke ibimiselwe e Mcewula (Kamastone) ukuteta indawo zokuba kuviwane, kuviswane, kuvisiswa- ne ngongeniso Iwamagama. Kulondawo ntozakowetu! Koda kuvokoteke. Eko- mani ekaya kubonakala ukuba abasaku- ba baninzi kumawetu abaya kungena ngetuba lokuba kwimpi exelengayo imi- vuzo ingapantsi kwe £1 ngeveki. Ikwa yilonto nase Qonce; nakuba ke kona impi yakwa Brownlee enjengo Mr. Ganya no Mr. B. Soga ibifanele ukungena ngetuba lezindlu zayo. Siyayincoma impi yase Hewu ngokupapama kwayo. O Mr. Sondlo—sibabone ngamehlo xa sigqita kwa Ndlovukazi, azaba nakuzinceda inyembezi zentliziyo ukungapumi kuba okoko sati sazana nama Ndlovukazi soloko londawo yabakufupi nentliziyo zetu. Sitike kumhlaba wenqila zamatafa apahlwe zingxondora apa zentaba ezigqitagqitana yongobupakamo, nobuhle. Siteta ezo zino Bailey, ne Putters Kraal nase Lututu, Sterkstrom, umzana esifike ungapezulu kokulindela kwetu, uginyisa amangete miti yawo. Sime ixeshana nje e Sterkstroom sarunela kwintaba *ezo* ze Stormberg ebesisakuzazi kwizifundo ze jografi e Heald Town. Sazibuka kanye. Safika nakwindawo ekumbiwa kuzo amalahle. Into ebengum'mangaliso ku- ti kukuba saziwe ngama Bhulu apo e Stormberg kuba siwavele encokola ekwe- nye indlu, saweva xa ati siyi *sleme Kaffre*. [Kanti ke akakakwazi, aseza.—Sub. ED.] Sifikile kumkutuka apa womzana wase Molteno, ontuli zingatetekiyo. Salibona ne Bhekesdolopu (Burghersdorp), into zo Kawa asazibona e Stishi. Ngumzana omhle, nezindlu zamawetu ziyakangeleka, anako ukuvota ngazo. Siyatemba ukuba o Mr. Kawa abasakuyinyabela into yo- kuba bangeniswe abantu abakuzo. Si- gqite kwaoko e Berkesdorp sangena kwakumatafa, apele ngokuba sisuke sifike e Alvani (e Gqili), seyela ngelomkono ebubeleni bekaba lakowetu esiflke selisi- lindile esitishi. Asibuteti bona obuka Rev. J. no Mrs. Msikinya. Sifike sesiliudelwe ngamadoda amahlanu ase Herschel namashe. Siyanduluka ke. Izilimo ezinjenge nqholowa kulo lonke eli bezi- sakangeleka. Ihabile ziyasikwa. Azika- linywa into ezinjengombona ngenxa yo- kunqaba kwemvula. Impi esihamba nayo ukuya e Herschel seyisilinde nga- pandle. Sikwenzele ingongoma kodwa mlesi. Sobuya sicokise. Sikwakogxwa- lintloko ke!

## EMAMPONDWENI.

[IVELA KUMBHALELI WETU.]

Inkosi enkulu Umqikela ibhubhile, ngomhla we 28 October, wanchwatywa ngomhla we 29, ngu Rev. John Nomvete wase Palmerton. Onyana benkosi babiza umfundisi lowo, wanchwatywa ngokufa- nelekileyo, wenzelwa netyesi kakuhle kanye. Into engummangaliso kulama- doda amhlope, i Jelimeni, elise Qawukeni komkulu, kutiwa, lalingavumi ukuba inkosi yenzelwe ityesi, wada umfundisi waya konyana benkosi leyo, abate bona mayenziwe ityesi mfundisi; sifuna uba- wo anchwatywe ngesiko lenu bafundisi. Lalisiti Iona i Jelimeni elo makanchwa- tywe ngesiko le Simpondo—enziwe ingo- ngobala. Ite inkosi ukufa kwayo, maze kungafeketwa ngabantu bayo, babulawe. Kekaloku kunukwa abantu, kutiwa bu- tywala obabuziswe ngu Galela, edibene no George Stofels, bebunikwa ngu Donald Strachan. Lo Galela ke kade ngumntu obesoloko inkosi eyizisela utywala. U Galela wacitwa, wazimela, akafanga kodwa; u George Stofile ucitwe wadliwa nevenkile yake. U Madonyela wabaleka ngobusuku yayingxekengxeke inkabi yake yehashe ukusinga e Kokstad washi- ya nabanye abelungu, nabembi, kuba inkosi ife u Madonyela esema Mpondwe- ni apo kumbiwa umgaqo. Noko ke akuko nto, nanamhla Amampondo asa- vuma ukuba umgaqo umbiwe; nabelu- ngu ababebalekile ukuwa komti omkulu lowo babuyile, ukuza endleleni. Ngu Madonyela ongekabuyi, asazi ukuba woyika ntonina. Kutiwa nomfundisi wama Mpondo u Hagile ubeke waya kukangela walika elusizini olukulu, bateta ngama- zwi alusizi onyana benkosi; bate kulusi- zi kubo xa namhla bashiywa nguyise Umqikela; noko bayatemba ukuba inkosi zama Mpondo o Mdlangaso no Manundu no Nqwiliso, nomfundisi u Hagile bako bobagcina. Akuka ziwa ukuba iyakuba ngubanina inkosi. Ukuba kuko onga- buseliyo utywala bomlungu, umzi wase Africa unqwenela ukunga inganguye inkosi; lento ngummangaliso,—ama Mpo- ndo apela nayimbodlela. Enye into ku- tiwa Emampondweni imbodlela ibonwa nje ngabantu ukuba bubuti, inkosi, ne nkosana, nama pakati, ne nduna, ziti kukutya. Hina Mampondo, kunjanina? Nakubagxota abelungu abanizisela oku kufa ? Enye into, anisoze nipile ningeko pantsi kwepiko le Ntombazana u Fitoli.

## *Umfikazi u Miss Elizabeth Bhalla.*

Site sakuva ukuba, u Miss Elizabeth Bhalla, ozalwa ngu Mr. S. Bhalla wase Bhayi, akaseko emhlabeni, satatela emva ukucinga, zati ingcamango zetu zangxuta ukucinga. Sabe sikumbula usizi namhla abazali bake, abasebekulile, abeselete yena wayintsika yabo ngentsebenzo yake enje- ngeyomfo. Umfo onemvo nokubafo aba- koyo. Lo Miss Bhalla ubeselevelele kokwabo kuba bonke awayezalana nabo, ngapandle kwentwazana ezincinane ezintatu, bapantsi. Intsebenzo yake ube- ngayiciteli ukuzonwabisa, ibixhasa abazali. Esingaziyo ukuba botinina kuna- mhla; koko kambe uko u Tixo, uyazi. Bonke abamaziyo bayamncoma ngoku- papa, ukukhutala, nangesimilo sake esindilekileyo, nesisulungekileyo. Intli- ziyo yake ibibambelele kubazali noko lonto ingamenzanga ukuba xa ixesha

? lalisondela engekababoni uku- ? inamatele kubo. Wabe- ? ukuba agodukele ekaya, ? izihlobo zika mfikazi lowo ? ngetemba lokuba yena kaloku usekupumleni okungunapakade. Umki- le kwezinzima nentsizi, nentlungu zale- mpilo. Ngu o Tixo yedwa onako ukuni- bopa amanxeba entliziyo zenu ezopayo. Siti tina ukucinga use kupumleni.

## *IBALA LABA DLALI.*

*I Editor yelibala ingavuya abadlali bemana ukuyitumela indaba.—Address: " Imvo " Sporting Editor, K. W. Town.*

Ngo 5 Nov. lo kudibene i " Champion" C. C. ne Club ka Messrs. B. B. &Co.—Oka Gibson akawapanga nexesha amadoda e " Champion " wanga ufumene amarawu— Lapela ingeno lokuqala le "Champion" nga 23, elama B. B. &Co., nga 58—elesibini i " Champion" 58—Yadliwa i "Champion" kakubi nge 8 wickets. Ngakuyo sapaula ukudlala ko Messrs Seti, Ngcumbe, no Zondani,—Kanti ke ayikatyiwa iyitye- shele nje i practice.

Ngo 9 Nov. Kudibene i " Try Again " C. C. (Amalau) ne " Alberts " (abamhlo- pe balapa). —Kodwa kwa ketwa kwi " Alberts." Abantu bakowetu bayawa- tyiwa kakubi namhlanje, amanani ngala: —" Try Again " C. C. 27, & 51. I " Albert " 173.—Yadliwa i "Try Again" nge 11 wickets & 95 runs—Yininale!

*Itournament* yama Ngesi iqala e Rini nge 26 Dec.—Ukudlala kwabase Kimberley kusa tembisa. Yapelela pina intla- nganiso yabantsundu base Rini?

## EZABABHALELI.

KUMAFILOSOFI ASE TRANSKEI.

Mzi wakowetu wase Transkei, endi ngum Transkei nam, nditi yikangeleni indawo yesigqibo sentlanganiso eyayi kwa Nomaheya nge Sibheno sase Koloni. Nditi mna a 34 oyisiwe sisi 8 evotini, ngenxa yokuba i Koloni ukususela e Herschel kude kuse e Bhayi, yonke lonkita inga kwi si 8 sakwa Nomaheya. Ngoko ke, ukuba ivoti iteta isigqibo, makabe ama 34 oyisiwe sisi 8. Ngoko nditi makubhenwe kunye ne Koloni. Ndimangalisiwe ngokukodwa ukuba iti i Transkei asinakungena esibhenweni sase Koloni, kutsho abona bantu bati bano- mhlaba. Nanko namhla kutiwa. umhlaba enimi kuwo awuwenu. Yindawo enkulu leyo engeniyi bhenela, kuba nawupiwa lomhlaba kutiwa namhla lidlelo nje kodwa. Mayibuye ingeniswe ixoxwe kule ntlanganiso iya kuba kwa Mr. C. Kupe, e Cegcuwana, ngomhla we 19 ku November. Enye indawo, imizi yalapa yayingeko yonke, i Butterworth ne Tsomo lalingeko. Namhla mizi yase Transkei yizani kule ntlanganiso inkulu iya kubako kwesika Mkiva, iya kuxoxa ngokungeniswa kwamagama, nabameli. Zindawo ezizintloko ezo, umzi maze uhlangane. Akuko ngozi kulonto, yizani mawetu, yizani. Wena mfo wase Gcuwa ulalele nina kusonakala nje? Nawe mzi wase Tsomo? Wemka umhlaba! We- mka umhlaba nowase mzini! Ayepina amadodana afundisiweyo, angawukokeli umzi? Amadodana afundisiweyo aya- qala ukungena kulentlanganiso. Ukuba lendawo yesibheno icukunyisiwe kule ntlanganiso yase Cegcuwana ye 19 ku November, uyakuva. Nalo idabi mawetu lilweni. Zemka inkomo magwala ndini! Niye pina?

OBONA ESE NTABENI.

OSE QONCE.

Matshawe, mandini kumbuze kanjalo eli lizwi noko kade lipindwa-pindwa futi. Oka Gabha wati, — " Zenibe yi Mbumba Yamanyama." Ukuba ke anitsali ngakunye 'ze nazi ukuba umzi wofa. Makungabiko magqugula, zonke indatyana mazishunyayelwe. Kuba Amangesi afundile, tina asifunde sonke. Ukuze liti i Ngesi xa liftin' ukusinika imbila ngentloko lifike sesilinqabisele. Pulapulani umfuto wempumlo epambili, amadodana anamacebo apilileyo anje ngento zo Jabavu, zo Makiwane, zo Zwedala, zo Pelem, zo Umhalla, nezo Gontshi, kwanezihlobo zetu ezimhlope. Ndingatinina betu, engakanje amadoda enyaniso, azibonakalisayo ngobuciko bawo nengqondo. Kuyekeni u k u t i niman' ukuti umlungu otile ub' esiti esiti; asingabahlobo bonke abazitshoyo ngokwabo. Lumkelani ompungutyana abeza ngamaqinga okuti kwati, kwati. Lumkelani inchuka ezizimbulu, ezitsho ngemfele zegusha, zifuua awenkonazana. Vukani nifakane imilomo ngamalungelo enu. Ningoyika ukucela uncedo kwaba nokuniuika uncedo, nokuba ningaba nibatwesa imixhaka ngokwenjenjalo " Ubude abupangwa." Bumbanani nibe nto nye, zeniye kufuna uncedo kwaba noncedo. " Umanyano ngamandla." Noze niti ubhelwana Iwatsho. Wona lomzi wase Mlungwini ugcine inyaniso, awukatali nokuba itetwa lubhelwanana. Niwusola nganinake matshawe akowetu, zidwangube. Taruni, ndiv' isinqala andinakuzibamba. Zenindixubushe ke. Ndiyabuza nditi awumilena lomzi wase Mlungwini? Ndizimela ngeliti ndim NTWAN' ENCINANE.

OBONISAYO.

October 17, 1887.

MHLELI OBEKEKILEYO, — Ndincede undifakele epepeni lako, sekukade ndiyinyamezele lento imbi kakulu siyibo- nayo. Sinesikalazo kubafundisi betu abantsundu ; asitsho ukuti banjalo bonke, inxenye yabo bati xa bemka endaweni bangakatali kukucokisa umzi njengesiko ukuze alike omnye kurnzi omhle, usuke ati endaweni yokwenza imfanelo yake angayenzi asuke abonise umoya ombi nase bantwini nakomnye umfundisi, uya", kuyishiya nendlu imbi, ingaqatywanga nekalika, ingatshayelwanga ngapandle, inenkunkuma nangapakati, ufike umzi uzele ziziba, inga gangatwanga nezigingqi. Ati osukuba ebebiye utango Iwamasimi alucite ape nezihlobo zake; nokuba bu- buhlanti benkomo abote, nokuba yindlu yenkuku ayipe kwa izihlobo zake ukuba akayicitanga, nokuba ebenegoqo lenkuni uya kupa kwangalo. Abafundisi betu abantsundu bebefanele ukutabata umze- kelo omhle kubafundisi abamhlope, bona xa bemkayo endaweni uyakufika esenza izinto ezintle ngati akemki, elungiselela omnye ozayo ukuze afike kukuhle. Abafundisi bohlanga Iwetu ababekene ; basa- fana namaqaba ngomona, mayipele lonto bafundisi bakowetu. Anditsho "knti banjalo bonke, abanye bafana nabamhlo- pe ukuzipata kwabo abana mona, bata- nda ukushiya izinto ezintle. Abafundisi mabacokise izindlu zabo. Siyaniyala, tina bantu benu; sibona into embi ukuti inxenye yabafundisi izindlu ingazikata- leli. Ningakatazeki bafundisi betu. Niti siyanigxeka? Hai, abanye bazipata ku- hle, siyazidla ngabo, sibatanda kakulu, into esijonge yona yile yokuti umfundisi ati izinto ebezenzile azicite x' amkayo, asibubo ubu-Krestu lonto, kukubijelwa yimvelo yobukoboka bobu hedeni, nje- ngokuba esitsho Umapostile u Paulusi ku Magalati v. ivesi 1.

Ndim, umhlobo wenu UMKOLONI.

INZWAKAZI EZIMBINI.

1. Intombi ye Lawo yatshata nesoka ilitanda; kwati kwakuba mzuzu yadinwa lentokazi, yayishiya lendoda yayo yota- ndo ngolunya, yaya kutshata nenye, ya- wukulula umtshato kuleyo yokuqala. Kwati ekumkeni yashiya nabantwana apo endondeni. Kweyamva uzale aba- ntwana abane, kwati xa amite owesihlanu yayinqaba ukuba abeleke, yeyeshumi elinesibhozo le inyanga engenakubeleka. Yamndulula indoda, isiti ayinakutwala lishwa linje. Kwabonakala abantwana ibanina wabo lowo ; kwabonakala lentokazi isingisa kwakweliya cala lendoda yokuqala. Kwati xa kukude ngasemva nangapambili, samlalisa pantsi esisisu, imitandazo uvifuna ngenyembezi. Uya- bona ukuba iratshi lake lobuhle alime- nzelanga nto.

2. Eyesibini, yintokazi ezixela inkolo nobulumko nobubele, (imisebenzi inga- xeli njalo). Kwafika unina eyokutyelela yati iza kuya ekaya iye kuzicelela imbo- tyi kumnakwayo. Yateta ngeratshi eli- kulu kulomzi wayo, yati akuko namnye ukafile oyakundinqanda sendisiya kowe- tu nje. Uhambile nonina; yati ipela loveki apo kowabo baba abafana benco- kola ngayo lentokazi sebesiti incokola izilibale ukuba itshatile, inobubele ihleka izilibale. Baye abakowayo beiagakolwa abanye zihambo zayo, bekala ngasese. Yabuyela emzini wayo emva kwenyanga ezimbini. Kanti mbotyi zimbi ezanazo. Yafika indoda ingeko imke nenqwelo. Lentokazi namhla ilele pantsi inyanga ezilishumi linantatu, yinqaba ukubeleka. Indoda ayiteti nto; uyabadela abazali bake abati bembona ukuba uyipete kakubi indoda yake yetamsanqa, abamtetisa, bati naxabevayo ukuba uzipete kakubi ku bantu abamqohdayo, abamtetisa ngaku- mbi unina omyekele ukuba makazipate ngoluhlobo, nendoda seyinga ngeyambe- tayo, kunokuba abe nje abe kwelilishwa —unabantwana ababini.

C. N.

NGEBALI KWAKONA.

King Win's Town, 12 Oct., 1887.

NKOSI,—Awu, mandipendule incwadi ka Rev. B. Mama. Andifuni kwenza nkani; nokubuza kwam imbali ukuba ilungiswe indawo njengoko kwavakalayo ukuba kuko indawo ezingalunganga, kwaye ingekuko ukuti ndiliciko, inge- kuko nokuti ndifundisiwe. Nam lama- doda omabini ango Rev. C. Pamla, Mr. W. Gqoba, ndiwacingela ukuba makabe acumile ekwazini, nase ngqondweni, kwangokunjalo ebulumkweni. Nkosi, ngenxa yobiiyilo nobudenge bam, ndiyoyika ukuteta, kuba nditeta namadoda apambili, ndilinukunukwana. Ngoku- ngapezulu ndizifumana indim ndedwa umntu ongaliqondiyo elibali. Ndiziva ndingenakuzinceda ke ukuba ndingati pambi kokuba ndibe ngumdisepile ka Rev. C. Pamla ndiyiqondisise lentshuma- yelo— ukuze ukolo Iwam luqine, lube nengcambu, ndikwazi ukushumayela, umhlaimbi ukubika into endiyivileyo, ndakolwa nokukolwa yiyo. Nditwaleni, nindinyamezele zinkosi, anditiye kuzala- na nama Xhosa, (ngakuba mna ndiyi Mfengu); ndizalwa ngu Mxhosakazi— Umbambakazi, intokazl ka Mbana, into ka Rata, Umbhalu, ekute ngenxwaleko zemfazwe wema kwa Mdushane. Ubawo yinto ka Mekeni epakati, Imfengu. Andingi ndingantyuntya, koko okukwenjenje, ndifuna ukuba uqonde ukuba ahditiyene nokuzalana kwe Mfengu no Mxhosa. Nam ndizeke Umxhosakazi, Umcirakazi, ngokoke andiyiboni into yokuba ndingatsho ukuti anditiyene nokuzalana kwezintlanga zimbini, nditsho mhlope. U Mr. Mama uti selendi- cela ukuba sendisenza imbhali: mna anditshongo ukuti elibali liposisiwe, kodwa ndive into yokuba kuko indawo ezingalunganga—andonwatyiswa ke kukuba ndingaziva ezondawo zixelwa kwangumbalisi ukuba azilunganga ; yiyo ke lonto yandibanga ukuba ndigxupule- ke kwesi sitebe samadoda, ndilicele iwaba lakowetu ukuba kaloku lilungise.

. Ukutsho ndilandula ukwenza imbhali, nkosi. Anditsho mna ukuti ndiliciko umlaimbi ilumko; okanye andifuni kuvunyiswa, kutiwe manditi ewe, ndi- ngevanga ndiqonde. Lembhali inkulu kum—nditanda ukuyiqonda, nditi noku- kuba andiyiqondi ndingayiqondi njalo, ndingazi. Kodwa ndimangaliswa sisa- hluko esingaka pakati ko Mxhosa ne Mfengu, sinjengokungati uyise wabo akamnye ; ndibuye ndimangaliswe nayi- nto yokuba esi sizwe sibizwe ngenkosi yaso u Xhosa—aye ama Mfengu engabizwa ngama Ndlovu wona, kuba kaloku inkosi yawo ingu Ndlovu. Ndinga ndi- ngaxelelwa ukuba ama Xhosa la afikela kumanina kwelilizwe — lento yabanga ukuba ate enga Bambo atete inteto eyahlukileyo kwisizwe sakowawo? Ndixe- leleni. Andifuni kuyipendula yonke inteto ka Mr. Mama, nakuba bendinga- yipendulayo. Into efunwa ndim kukuba ndibaliselwe ibali eli, ze ke kutiwe ligqityiwe. Uteta ngokulumka kwalamawaba mabini, afunde incwadi zase Mlungwini : nditi mna alumke kuzo, ndiya- vuma, ewe, akanakungabuzwa ke xa ateta into, kude kufunyanwe ubunyaniso bento ayitetayo. Kungonakala ukuba ayakuti akuti nkete, sesisiti ewe. Ndisa- zigcinile. Ndixolele Mhleli ngobude be- nteto yam.

Ndim njalo-njalo,
MEKENI E. MEKENI.

## *ITITSHALA ZASE TRANSKEI.*

U Manyano Iwe Teachers zakwa Phini, Iwadibana e All Saints, ngo 4th October, u Mr. William Daniel ese sihlalweni, u Mr. J. M. Sogobile, eyi Secretary ebambi- ley'o ngalomini. Intlanganiso yavulwa ngomtandazo ngu Mhlali-ngapambili. Imicimbi yedluleyo yafundwa yamkelwa, nakuba indawo ezimbini zingafumane- kanga, ezi:—1. Incwadi ye Governor, ngesicelo sababanjwa. 2. Incwadi ka Captain Blyth, ngemali yo titshala. Emva koku kwamkelwe lamanene ala- ndelayo ebulungwini bale ntlanganiso:— Messrs. Thomas Tshacila, senior, Hendrick Nkole, Joseph Limana, B. Qhina, Frederick Dazana, 'Mbaimbai Magazi. Kuleswe isilandulo sokungabi nakuti- kelela kuka Mr. N. Falati, asamkelwa ngenxa yokungabi nazizatu zomeleleyo. U Mr. J. Ntoziui ungenise icebo lokuba: Kucelwe u Captain Blyth, ukuba euze umteto olukuni wokuba imali yo Titshala ipume kunye neye rafu yezindlu. Lemali, leli shumi leponti (£10) likutshwa ngabantu ukuxhasa i Titshala zabo. U Mr. Lusaseni ute, — U Captain Blyth makabhalelwe, enze isicelo ngokwake ku Rulumente, esinje ngesi singeniswe ngu Mr. Ntozini. U Mr. H. L. Mdleleni, uvumele u Mr. Lusaseni. U Mr. Mato- lengwe ute,—Makungenziwa sicelo sinje, ngesi siveliswe ngu Mr. P. Lusaseni, kuba soba sizigqibile ukuzihleba ku Rulumente, aze abe uyayi nqumamisa, okanye ayinqumle neyake imali. U Mhlali-ngapambili ute, — Amapepa emvumelwano makwenziwe wona, yopela lenkatazo ingaka. Emva kwenteto ende lengxoxo ibuyiswe umva. Kulandele ipepa lika Mr. P. Lusaseni nge rafu ye- zindlu (House Duty), alaxoxwa, ngapandle kwamanqaku enziwe ngo Messrs. J. Ntozini, no H. S. Mdleleni, ababonise ukufuneka, nezivato, namatamsanqa okulunga kwe rafu. Umgciui-Sihlalo wenze amanye amanqaku okufeza akwanje ngala angentla. Kuleswe ipepa lika Mr. Nto- zini elinge Mfundo Yododana, nobu Xhaka bayo kwabanayo. U Mr. Lusase- ni: Ute ukohlwe nayinto angayitetayo ngenxa yokulunga kwepepa lika Mr. Ntozini, watsho wati abantu abangafundanga bachola izipeliti (pins) kwaba- fundileyo. U Mr. Matolengwe ute: Yena akasazi isaci semfundo, yena umchasile u Nobhala kwano Mr. Lusase- ni; imfundo ayina kulinganiswa nom- xhaka we ndlovu, ngokuba ayina siqha- mo. Lengxoxo iyekwe emva kwexesha elide. Intlanganiso ezayo yoba kwa Captain Veldtman, e Zazulwana, ku Mr. Theo. Ndwandwa. Inani lamalungu awayeko lalidlule kancikane eshumini, pakati kwawo kuko lamanenekazi: Miss H. Toni, Miss M. Ntanta, and Miss H. Ntanta. La, ngamanenekazi avela kwi ndawo ezimgama; ubuko bawo kule ntlanganiso, bubonise inkutalo, nenya- meko (nje ngama nenekazi) ayi zondelele ngayo intlanganiso yokukanya. Siwa- ncoma ngokukulu sisiti, — Ningadinwa nangomso zinzwakazi ndini zakowetu. Intlanganiso kwasa, ichitakala.

P. D. TSHACILA,
Secretary.

# Native Opinion

WEDNESDAY, NOV. 16, 1887.

The Bond in Transkei.

THERE is something that puzzles us in connection with Mr. CLOETE'S and Mr. SEVEWRIGHT'S canvass in the Transkei. These gentlemen have undertaken to accomplish all sorts of things if the electors should send them to Parliament. They both say that because they are ministerialists, or independent, they will do this better than any other candidate who does not sympathize with the Ministry. If the Ministry with their following have not seen their way to remedy the manifold grievancies of Transkeians, we really cannot see how the bare return of Mr. CLOETE and Mr. SIVEWRIGHT will play the part of the magic wand to effect the instantaneous change of the spots of the ministerial leopard. Has it come to this that before a ministry can do its clear duty to the country it must be thus conciliated ? There surely must be something rotten in the state of Denmark. Besides these subterfuges suggest a subversion of representative institutions. By right the ministry should be judged by its fruits. Mr. CLOETE has inferentially admitted that its fruits are bad although he has pledged himself to support it. It is a gross perversion of representative Government to ask people to judge the cabinet not by what it has done but by what it will do if it is conciliated by having its supporters returned by some section of the community. As a tribute to their own intelligence we trust the Transkei electors will sharply resent this by returning men of solid and stable views which do not rest upon the quicksands of self-interest and fleeting popularity.

# Editorial Note.

THE language of our good contemporary the *G. E. Advertiser* on the Registration of natives, based on Mr. Porter's explanations and illustrations is excusable because it writes in ignorance of the real facts respecting the native vote. The advocates of the native cause have never for one moment asked that natives who do not answer to Mr. Porter's illustrations should be registered. Nor are we aware that any natives have been registered who did not square with those illustrations. The indignant denunciations of our Graaff-Reinet friend, then, are not called for. What we have stoutly opposed is that there should be natives in the electoral divisions, who have not a vestige of tribal existence, and who are as amenable to the laws and regulations of the Cape Parliament who should be singled out as being unfit to claim the franchise although they can establish their qualification under the Constitution Ordinance. Against this we are relentlessly oppossed.

## *THE HEALD TOWN JUBILEE ADDRESS.*

The Heald Town natives, having sent a congratulatory Jubilee address to Her Majesty the Queen, in which they availed themselves of the opportunity to lay their grievances under the Cape Government, at the foot of the Throne, have received the following reply:—

Government House, Cape Town, loth
October 1887.

P. S.
No. 115.

SIRS,—With reference to your letter dated June last, enclosing an address to the Queen, I am directed by His Excellency the Governor to inform you that Her Majesty has commanded Her Secretary' of State for the Colonies to convey Her sincere thanks for the expressions of loyalty and devotion contained therein. Sir Henry Holland adds that Her Majesty on the present occasion can make no answer to the controversial political matter which you and your co-signataries have been advised to introduce into your Address.

I am, &c.,
F. J. NEWTON,
Private Secretary.

D. Jonas, August Radas, C. Mbete, Heald Town.

## Kwabo bafuna Into ezintsha ezintle!

Buzani kuzo zonke ivenkile enimelene nazo impahla engaba ziyi tunyelwa sisitora sakwa

# Aluveni, esise Qonce

YIYANI NONKE UKUYA KUBONA

INGUBO
IMINQWAZI
IHEMPE
IZIHLANGU
IZIKAFU NEZIGUBUNGELO
ITYALI IPRINTI IZITOFU
ZOKUNXIBA

Nezinye into ezininzi kakulu ukuba zikankanywe.

Indlu eseitunyelwa kuzo lempahla zezo

YUZI .. Egcuwa Nakwa-
Ndabakazi HEDENI .. Emtata

Kuzakuvulwa ivenkile eyofunyanwa kuyo impahla epuma kwisitora sakwa Aluveni ku Lubisi Ebatenjini (Southeyville).

Into yonke etengiswa kwezindawo itshipu intle kanye.

Kunikwa amaxabiso alungileyo kanye kwe- zindawo zikankanyiweyo ngayo yonke into etengiswayo ngabantsundu enjengokudla, ne- zikumba njalo njalo.

## JOHN J. IRVINE & CO.

# Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

## BOURSE NO MARSH,

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcancatweni.

# ISAZISO!

TINA bamagama angezantsi siyawazisa umzi okokuba sivule ivenkile Kulandlu ibiyivenkile yo mfi u (Ngomti) M. KEEVY & CO. yati ekugqibeleni yano J. BIRT & CO noko tina ASINANTO NEZIKWELITI ezenziwa kobo NGAPAMBI KO NOV. 1886, ASISOKUZE KE SIZIMEME EZO ZIKWELITI mntwini. Umntu ezihlaulwa kuye ngu A. J. Cross.

ABANTSUNDU MABEZE KUTENGA NGEMALI BENGENATLONI zokuti bayakubizwa izikweliti ezidala.

### INTWENINZI YEMPAHLA

Ezifuneka kwabantsundu, ongamjula kuzo, zilula ngamanani kunoko zaka zanjalo. Ukuba ufuna ezona

Nchawa, Amabhayi, Ityali, Nengubo, njalo njalo zizizo.

Kauze Kuzibonela ngokwako.

## EVANS & CO.

Ivenkile endala yento Zonke, ese Koneni.

NANTSO INTO OBUKADE UYIFUNA.

BAHAMBI NO MZI WASE QONCE

## PAUL XINIWE,

UVULE

### *IKAYA LABANTSUNDU,*

DURBAN STREET, E-QONCE,

Entla kwe "Mvo Zabantsundu" ezantsi ko Ngomti opezulu.

IYINDAWO ENTLE YABANTU NAMAHASHE

Kuni ke NTO ZAK'WETU.

## GEO. B. CHRISTIAN & CO.

KEEP WELL.ASSORTED STOCKS OF

## Hardware and Ironmongery,

BUILDING MATERIAL,

### Groceries & Oilmen's Stores,

### BRUSHWARE,

PAINTS, OILS, AND VARNISHES.

Pots—Kafir Hoes — Red Ochre—Cutlery, &c.—
for Native Trade.

## GEO. B. CHRISTIAN .& CO.

## CHARLES J. STIRK,

Umtengisi we Mpahla eyi Ntsimbi ayitengisa ingumqulu na nganye,

CHURCH SQUARE, E-RINI.

### Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

Elika COOK Iyeza Lesisu Nokuxaxazo. 1/6 ibotile.

Elika COOK Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.

Aka COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe, 9d. ibotile.

Elika COOK Iyeza Lepalo. 1/6 ibotile.

COOK Ipils. 1/ ngebokisana.

Eka COOK Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile.

COOK Umciza Westepu Sabantwana. 6d ngebotile.

Oka COOK Umgutyana Wamehlo. 6d ngesiqunyana.

Oka COOK Umciza we Cesine. 1/6. Niqondise ukuba igama ngu

### G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

Kuba ngawenkohliso angenalo igama lake.

IMPAHLA ihleli yodwa ngase ntolongweni endala. Ingcawa, ilokwe, ibhulukwe, amahashi, inkomo. Yonke into oyifunayo Isisisulu ! lsisisulu! e Qonce ukangele emarkeni. Kufike into eninzi yonoxesh bengubo zamadoda.

Ibhulukwe ne Bhatyi ezingonoxesha zi tshipu.

### J. G. NICHOLSON,

*Igqweta elise zincwadini zakomkulu*

*nomteteleli wama Fandesi,*

E-NGQUSHWA.

Ulungisa amafa. Uguqula amagama e Tayitile. Uquka izi kweliti si Bhatalwe kwa ngoku.

Yonke into ayi patisisweyo ifezwa ngokukauleza.

Uli Gosa *le Colonial Mutual Life Assurance Society.*

Imisesane ye Golide
yoku Tshata,
7/6 umnye.
Ingeji ze Golide,
7/6 inye,

KWA

### J. HILNER, E Qonce.

Igcibi ye Watsha nentsimbi zokuhomba.

### W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa, *e.Town Hall, Kwisitora esing a pantsi ese- sitatu, No.* 3, *Kwinkundla ye marike,*

E-QONCE.

Uhlala aba nento eninzi yombona, na Mazimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo njalo, ayitengisa tshipu.

Amaxabiso alungileyo uyawanika ngento ezinjengokutya.

*Impahla zamkelwa nguye azitumele kuma-. calana onke e.Koloni.*

Unombona omhle kunene ovela pesheya kwe Nciba awutengisa tshipu kanye.

W. J. DEALY

UTENGA Umbona, na Mazimba. Nokuba kuninzi ngalupina uhlobo okoku- tya uya kuku rolela ixabiso elipezulu kanye lase Markeni, e-Qonce.

### GIE BROTHERS,

Abatengi naba Tengisi bento Yonke.

KUPELA kwesi Tora saba Ntsundu ngenene kale Dolopu yase

TARKASTAD.

Zonke intlobo zezinto ezivelisswa yi ntse-benzo yeli lizwe zitengwa ngamaxabiao apezulu kanye.

### IVEHKILE KA GREEN YABANTSUNDU.

KUZA kuvulwa ivenkile efanele Abantsundu kanye e Komani. Zonke izinto ezifanele bona bozifumana zisisulu.

Utenga zonke izinto ezinjengo Boya, Imfele, nazo zonke izinto eziziswa ngabo. Unentlobo zonke zamayeza abantsundu.

Yiya kwa

EDWARD GREEN.

## *MANENEKAZI!*

KANIZE kuzibonela impahla yetu entsha evela Pesheya kolwandle, E-Ngilane.

I PRINTI.
Ezilungileyo 2 1/2d kuse kwi 6d.

I PRINTI.
Ezimatakutaku nezibukheshemiya 6d to 9d.

I MUSLIN.
Ezimhlobe, ne KOTONI e yi Brocade 4 1/2d. to 6d.

I KELEKO, 2 1/2d to 6d.

IZITEYISI,
Ezilunge kunene, 2/6.

IMITUNZI YELANGA,
Ngamanani apantsi.

O Mashini bokutunga
abona bamanani apantsi apa e Koloni.

## W. 0. CARTER & Co.

MACLEAN SQUARE,

## E-QONCE.

Nalipina Iyeza olifunayo ungalifumana kwa

### E. W. WELLS,

Umpitikezi Wamayeza ne Opteki,

### Bathurst Street, E-Rini,

Ugcina amayeza amatsha nalungileyo.

ELOBUTATAKA

Nezifo ezingcungcutekisayo.

Eyona ide yancama ukulunga yi

### Wells' Quinine and Iron Tonic

Ixabiso 2/9 ngebotile.

### B. G. LENNON & CO.,

Abatengisi bamayeza nabenzi bawo

E MONTI.

BONA bawatenga pesheya awabo amayeza. Benza amayeza ama Bhulu nemiciza yama Xosa. Bawubongoza umzi ukuke uqwa- lasele kulawo alandelayo, abhalwe nge nteto yesi Xosa. °

*Oka LENNON*
*Umciza Wokohlokohlo*
*Eka LENNON*
*Incindi Yamazinyo.*
*Oka LENNON*
*Oka LENNON*
*Umciza wamehlo.*
*Aka LENNON*
*,, Amafuta ezilonda.*
*Ezika LENNON*
*Ingqatana zomtshekisane.*
*Oka LENNON*
*Umciza woxaxazo.*
*Oka LENNON*
*Umciza wepalo.*
*Oka LENNON*
*Umciza wengozi.*
*Oka LENNON*
*Umciza wecesina.*

UMTENGISI

*P. H. POTTER, Toleni, Transkei*

### ISAZISO ESIKULU.

Amayeza ka (Nogqala) Jesse Shaw.

BONKE abantu aba kwindawo ezingena Magosa am bowatunyelwa onke amayeza nge Poai xa bebhalele kum batnmela izitampo nokuba yi mali ehamba ngepepa 1-posi (P.O.O.) Imali yawo yi 3/6 lilinye, ngapaandle ko *Mpilisi Wenene* (Sure Cure) oyi 8/6 ukuba imali tunyelweyo igqitile yo buyiswa namayeza.

JESSE SHAW,
Igcisa Lemiciza.
The Laboratory, Fort Beaufort.

### Kumadoda Namadodana.

AMANENE antsundu akolwa Zingubo eziti Zimhlale umntu, acelwa ukuba ayekubona ipatroni zemichako emihle ekoyo apa e Qonce baze bake bakangele ukuba utinina yena ukuzenza u

### B. ABRAHAMS

(Ngakwa Pinki),

Eyona michako inqabileyo inoyukenza

IBHULUKWE, nge 25s. Ne £4 4s.

ISUTI ipela.

Ingubo ziyenziwa kwisituba semini enye.

Lishicilelelwa umninilo, u JOHN TENGO-JABAVU ngu HAY BROTHERS, Smith Street, King William's Town!